higher education & training

Department:
Higher Education and Training
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

MARKING GUIDELINE

NATIONAL CERTIFICATE (VOCATIONAL)

SUPPLEMENTARY EXAMINATION

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO

(Iphepha Lokuqala)

NQF LEVEL 4

XX FEBRUARY 2020

Esi sixhobo sokuhlola sinamaphepha ayi-7.

ICANDELO A

Imemorandam iya kuxoxwa phambi kokuba kuqalwe ukumakisha

- Le memorandam yenzelwe ukuba ibe sisikhokelo kubamakishi.
- Ayenzelwanga ukuba ibe ngummiselo ogqibeleleyo.
- Iimpendulo zabafundi mazithathelwe ingqalelo ngokokuchaneka kwazo.
- Iimpendulo mazihlolwe ngokupheleleyo namanqaku anikezelwe apho kufuneka anikezelwe khona ngokwezigqibo ezithatyathwe kwintlanganiso yokubeka umakisho emgangathweni.

IMIYALELO KUBAMAKISHI

Ukumakisha uvavanyo lokuqonda

Ngenxa yokuba kugxininiswa ekufundeni ngokuqonda, akufanelekanga ukuba upelo olugwenxa neemposiso zolwimi kwiimpendulo zezivakalisi zinyityelwe amanqaku ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo yempendulo elindelekileyo. Iimposiso ezikhoyo maziqatshelwe ngokukrwelelwa. Kubaviwa abasebenzisa amagama athatyathwe kolunye ulwimi ngobunjalo bawo, olungesiso isiXhosa, musa ukuwathathela ingqalelo lawo magama anjalo, kananjalo banganyityelwa manqaku xa ngaba iimpendulo ezinikiweyo zinembadla. Ngokunjalo ukuba igama elisuka kolunye ulwimi lisetyenziwe kwitekisi kwaye impendulo ifuna elo gama, oko kwamkelekile.

Kwimpendulo apho ziliqela iimpendulo ezichanekileyo akunikwa manqaku ngeempendulo ezingu-EWE/HAYI, NDIYAVUMA/ANDIVUMELANI kuphela. Anikwa kuphela ngesizathu/ukuxhasa/nokuzakuzelela impendulo.
AKUNIKWA manqaku ngeempendulo ezingu-YINYANI/BUBUXOKI, okanye YINYANI/LULUVO kuphela. Anikwa kuphela ngesizathu/ukuxhasa/nokuzakuzelela impendulo.

Apho kulindeleke iimpendulo ezigama linye aze umviwa anike isivakalisi, nika amanqaku ukuba ngaba igama elifanelekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi okanye ligqanyisiwe.

Kwimibuzo apho kulindeleke iimpendulo ezimbini/ezintathu, aze umviwa adwelise uluhlu lweempendulo, makisha **kuphela** ezimbini/ezintathu zokuqala.

Iilwimi zengingqi neziyelelani zesiXhosa zamkelekile.

Kwimibuzo ekulindeleke ukuba umviwa akhethe impendulo echanekileyo, makwamkelwe zombini, ukutsho oko unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE nempendulo echanekileyo ebhalwe ngokuzeleyo.

ICANDELO A: UKUFUNDA NOKUNIKA IIMBONO

UMBUZO 1: UVAVANYO LOKUQONDA

1.1 Buyindima engakhethe bala nabuhlanga. ✓ (1)

1.2 imveli✓/imvelaphi✓**/unobangela**✓ (1)

1.3 Sinakho ukuphila ngaphandle kwezihlobo kodwa asinakho ukuphila ngaphandle kwabamelwane.✓✓✓ (3)

1.4 Ukungamxabisi ummelwane.✓ (1)

1.5 Kukucacisa ukuba obu bumelwane kuza kuthethwa ngabo bobwakwaNtu.✓✓ (2)

1.6 Iyahamba iye kungena ngeliya kuqonda.✓✓ (2)

1.7 Ihamba kancinane ingenzi zingqi/✓✓ ihamba ngobunono.✓✓ (2)

1.8 Yeyokuba abantu bamele ukugadana✓✓/ukuhoyana✓✓/ukunakelelana.✓✓ (2)

1.9 Yaziswa umba ekudityenwe ngawo.✓✓ (2)

1.10 Yintonga yasekunene.✓
Likhaka lokuhlanganisa✓
Nguvimba.✓ (3)

1.11 …badelene✓ (1)

1.12 Aba bantu bayancedana.✓✓ (2)

1.13 Kukuba umXhosa enze isisusa engamazisanga ummelwane wakhe.✓✓ (2)

1.14 Eyobuncinane ngokomyinge✓✓/ubuncinane.✓✓ (2)

1.15 Lubaxo✓✓/lunxulumaniso✓✓/yioksimoroni.✓✓
Luqaqambisa ukuba ummelwane izinto ongazivanga ziviwa nguye nezinto uzijongelwa nguye.✓✓ (4)

1.16 Umntu ongummelwane nguye ome ngakuwe ebomini.✓✓ (2)

1.17 Ibhokhwe itsibe ucingo.✓✓
(Nasiphi isivakalisi esinike enye intsingiselo engeyiyo ekwisicatshulwa. Imo yegama mayingatshintshwa. (2)

1.18 Lisisihlanganisi/✓Lidibanisa /lihlanganisa izivakalisi ezibini.✓ (2)

1.19 Abantwana bayazi bamkelekile ukuza nengxaki.✓✓ (2)

1.20 Ndiyavumelana kuba ubumelwane buyimpilo yobuntu kwaNtu kwaye ubalulekile ummelwane./Andivumelani kuba bakho abamelwane abangalunganga abasuka ibengabo abonakalisa izinto zakho.
(Nayiphina impendulo echanekileyo yamkelekile) (2)
[40]

ICANDELO B: USHWANKATHELO

UMBUZO 2

Ukumakisha ushwankathelo:

Ukumakisha makuthathele ingqalelo ukufakwa kolwazi olunexabiso kwakunye nokususwa kolwazi olungenaxabiso.

Ushwankathelo malumakishwe ngolu hlobo:

- **Ulwabiwo- manqaku**

- Amanqaku ali-10 ngeengongoma ezisi-7. (inqaku ngengongoma nganye)
- Amanqaku ama-5 olwimi.
- Amanqaku ewonke: 15

QAPHELA:

- **Ubalo-magama**

- Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
- Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
- Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ukuya kumagama ama-5 ngaphezulu kwaqingqiweyo ungawahoyi alandelayo.

Umfundi angacangcatha kwezi ngongoma:
Naziphi na iingongoma ezisi-**7** kwezi zilandelayo ziyimpendulo yombuzo

- Uswazi lumonalakisa mpela umntwana oko kwenze asoloko esohlwaywa
- Uwazi luphelelwa lixabiso kuba umntwana uphela ekuqhela ukubethwa angakoyiki
- Alumguquli umntwana kwisimo sakhe koko lumenza abephakuphaku
- Umntwana uphela esiba nendelo/nokudelela de afune nokuzilwela
- Umntwana uphela enendelo eyondeleyo ade agabadele ngokudelela nabantu bangaphandle
- Ukubethwa komntwana kumenza abekrwada abeyindlavini nesimo siba sesenkohlalalo
- Umntwana ude alibaleke ikhaya ikhaya aphele nasetrongweni **[15]**

AMANQAKU ECANDELO B: 15

ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 3

3.1	3.1.1	Lipton tea/yiti eyiLipton.✓	(1)
	3.1.2	Kwiindidi zonke zabantu,ingakumbi abathandi beti.✓✓	(2)
	3.1.3	Kukubonisa amandla umntu abanawo akusela le ti.✓✓	(2)
	3.1.4	Inika amandla,✓ uhlaziyeko✓ nempilo ende.✓	(3)
	3.1.5	Isivakalisi -Ilantshi inambitheka kakhulu xa unelipton. ✓ Ibinzana-nempilo ende✓	(2)
	3.1.6	C✓/Sisidlo sasemini.✓	(1)
	3.1.7	Ilantshi imnandi✓ kakhulu xa umntu esitya✓ athobe✓ ngeti.	(3)
	3.1.8	Positive drinking✓	(1)
	3.1.9	Sisihlomelo.✓ Licacisa isenzi.✓	(2)
	3.1.10	…ende✓	(1)
	3.1.11	Kukurhwebesha abathengi beze kuthenga✓✓/kukwazisa imveliso ekhoyo kwimakethi✓✓✓/ukuzama ukwenza imali✓✓/kukugcina nokunyusa inani labathengi lingehli✓✓	(2)
3.2	3.2.1	Yifowuni,✓ ziipeni/iintsiba zokubhala,✓ yikhompyutha✓	(3)
	3.2.2	Ukuba ubuhlungu✓✓/udanile.✓✓	(2)
	3.2.3	Umntu B ngumsebenzi kanti umntu A ngumphathi.✓✓	(2)
	3.2.4	Ndiyakumisa oko mzuzwana.✓✓	(2)
	3.2.5	…yifemeli✓ Isithetha-ntonye-Lusapho✓	(2)
	3.2.6	Ukuba sele esithathile isigqibo✓✓/akazimisele kujika kwisigqibo sakhe.✓✓	(2)
	3.2.7	Nksk.✓	(1)
	3.2.8	Kuthethwa udaba olubalulekileyo/okuthethwayo akufuneki kuviwe ngabanye abantu.✓✓	(2)
	3.2.9	Umsebenzi ubizwa ngumphathi.✓✓	(2)

3.2.10 Ixesha elininzi silichithela emsebenzini✓✓/Umfo kanantsi ufika kwangoko rhoqo emsebenzini.✓✓
(Nasiphi isivakalisi esichanekileyo samkelekile.) (2)
[40]

AMANQAKU ECANDELO C : 40

ICANDELO D: ISIHOBE

UMBUZO 4

4.1 lomsindo✓✓ (2)

4.2 Yimfano-zandi✓✓ igxininisa umcamango obekwa yimbongi✓✓/idala isingqisho.✓✓ (4)

4.3 Sisifo✓ (1)

4.4 Ukungabi nanyani/ ukwenza inkqatho.✓✓
Ugawulayo uza engazibonalakalisi ezifihlile.✓✓ (4)

4.5 Ligwala, ✓ yingcuka,✓ ubububi,✓ uluncumo, ✓ ukhohlakele.✓
(naziphina ezine kwezi) (4)

4.6 Isikrelemnqa✓✓/isigebenga.✓✓ (2)

4.7 Kwisifo ugawulayo.✓✓ (2)

4.8 Ngamazinyo amakhulu amade abukhali.✓✓ (2)

4.9 Sisifaniso✓
Yeyokuba ugawulayo ungena emntwini umntu engacingelanga, engazi.✓✓ (3)

4.10 Wona unemiqolo esi-7 kanti le yona inemiqolo emi-6.✓✓ (2)

4.11 Ulichule,✓ Ngumthakathi,✓ Sisigcodololo,✓ Nguchwenene womfana✓
Sisiqumqum sentombazana ekrwebhekrwebhe✓ (3)

4.12 Yeyokuba ugawulayo ufika emntwini ezizinto ngezinto✓ kwaye oko kuqaqambisa ukuba sisifo esisaqhubekayo esingapheliyo.✓✓ (3)

4.13 Kukwenza umbongo uvakale kamnandi✓✓/kukudala isantya esimnandi.✓✓ (2)

4.14 Ulilisa abantu,✓ unyothula iintsika zemizi,✓ ubhunyula inzala,✓ ushiya iingxwelerha.✓ (Nasiphi isithathu kwezi) (3)

4.15 Ngowendlebe✓/Wokuva✓
Iveza ukuba imizi iyaphela kungabikho mntu ngenxa yesi sifo.✓✓ (3)

4.16 Kazi wawusuka phi, usiya phi?✓✓ (2)

4.17 Ngumbongo-nkcazo/ngumbongo ochazayo✓ kuba uchaza isifo ugawulayo iimpawu zaso nendlela esingena ngayo nobungozi baso.✓✓ (3)
[45]

AMANQAKU ELI CANDELO D: 45

ICANDELO E:UNCWADI LWEMVELI

UMBUZO 4

5.1 Ezingabantu,✓/ezingezilwanyana✓/ezingabantu nezilwanyana.✓✓
(Nasiphi isibini kwezi.)

5.2 UDyakalashe-amaqhinga✓
UNgonyama-ngamandla✓/ubukhosi✓

5.3 Ngumphulaphuli✓✓

5.4 Ukufundisa✓ nokonwabisa.✓

5.5 Isekho kuba iintsomi zifundisa ngobomi ngokubanzi nangenkcubeko.
(5 × 2) **[10]**

AMANQAKU ECANDELO E : 10
AMANQAKU EWONKE : 150